NELSON MANDELA
UNIVERSITY

COVID-19
IMIQATHANGO XA UBUYELE EMSEBENZINI

Lungiselela. Thintela. Khusela

Yintoni ekufuneka uyazi phambi kokubuyela kumasango eliziko lemfundo

“Impilo yakho isezandleni zakho”

Umongameli u Cyril Ramaphosa ucaphule kumazwi alowo ithiywe ngaye leYunivesithi, uNelson Mandela, ngethuba esenza isbhengezo sokuba uMzantsi Afrika uzakwehlela kwisigaba sesithathu sokunyenyiswa kwemiqathango yokumiswa ngxii kwentshukumo.

Ngokwenene kuxhomekeke kumsebenzi nakumfundi ngamnye, ukuthabatha inxaxheba ekulweni lobhubhane uchaphazela ilizwe jikelele, ngokulandela iindlela ezimiseleweyo zokuzithintela, nokukhuthaza abanye benjenjalo.

** Xa ufuna inkcukhaca ezithe vetshe ngenkqubo emiselweyo yokusebenza, imigaqo emayilandelwe, kwakunye nezikhokelo ezithe zabekwa yile Yunivesithi iya kwimbalelwano ekwi intanethi ye ntsholongwane iCoronavirus: www.mandela.ac.za/coronavirus*

Contents

IYunivesithi iNelson Mandela ibeka ukhuseleko lwakho phambili 4
YINTONI I COVID-19? 5
Ingaba Ndisemngciphekweni? 5
Zithini iimpawu ze COVID-19? 5
Ukuzithintela Kubalulekile! 6
Ndingabuyela nini kweli ziko? 7
Okumele ukwenze nokumele ungakwenzi 9
Musa ukubuyela kweliziko ukuba: 9
Ungabuyela kweliziko: 10
Uqeqesho 11
Impahla Yokunxiba Ekhuselekileyo (PPE) 11
Ukucoca Nokufaka Isibulali Ntsholongwane 12
Ukuphelisa/Ukubulala Intsholongwane 12
Ukusebenzela Ekhaya 13
Uhlolo no vavanyo 15
Abafundi 17
Ngubani ekufuneka abuye? 19
Indawo Zokuhlala 20
Ezempilo 21
Xa unemibuzo okanye ufuna ukuqondisisa? 22
Iqela Elijongene ne COVID-19 23
Inombolo Ezibalulekileyo 24
Ojongene Nokuthotyelwa Kwemiqathango 24

IYunivesithi iNelson Mandela ibeka ukhuseleko lwakho phambili

Nanjengoko ilizwe lo Mzantsi Afrika lilungiselela iindlela zokubuyela emisebenzini, ezihambiselana nemiqathango emiselwe ngu Rhulumente, yokungabeki abantu emngciphekweni kwi sigaba sesithathu sokumiswa ngxii kweentshukumo, le Yunivesithi yenza amalungiselelo abanzi ngendlela entsha yokusebenza, ukufundisa nokuhlala kwiindawo ezikhuselekileyo, nezicocekileyo.

Umthetho uyasinyanzela ukuba abasebenzi nabafundi sibanike indawo ekhuseleke kangangoko sinako ukwenza, kwaye siqinisekise ukuba bakhuselekile yaye basempilweni ngelithuba lalo bhubhane we COVID-19.

Iqela elityunjelwe ukujongana ne COVID-19 kwakunye nabo bachaphazelekayo kule Yunivesithi, baze nenkqubo ebanzi ejongene noku:

- Ukuthintela lentsholongwane
- Ukujonga lentsholongwane (ukuhlola impawu nokuvavanya)
- Indlela zokulawula lentsholongwane (ukuhlala bucala/ okanye wedwa xa ufunyaniswe une COVID-19) ngokunjalo nokukhangelwa kwabo barhaneleka ngokuba bangabe bosulelekile.

Eyona ndlela ikhawulezileyo yokunqanda lentsholongwane kukuyithintela.

Masisebenzisane silwe ukunwenwa kwale ntsholongwane

Ukuphandwa kuthetha naye nabani na ekurhanelwa ukuba angasemngciphekweni wokosuleleka sisifo iCOVID-19. Eli ligama lentetho egunyazisiweyo yesebe lezempilo.

Yintoni i COVID-19?

Sisigulo sokuphefumla esibangelwa yintsholongwane entsha iCorona, ebizwa I SARS-CoV-2 virus.

Ingaba ndisemngciphekweni?

Usemngciphekweni ukuba unesifo sentliziyo okanye esemiphunga, okanye ezinye izigulo , kwakunye namajoni omzimba angomelelanga (njengomntu onentsholongwane ka gawulayo, isifo sephepha, iswekile okanye umhlaza), naxa uneminyaka engapha kwamashumi amathandathu ubudala.

Xa ufuna ulwazi olubanzi ngezigulo ezizezinye ezinokufaka emngciphekweni, nezizakubangela ukuba ungasebenzeli kweliziko, nceda undwendwele iwebsite yale Yunivesithi. Bonke abasebenzi kufuneka baphendule ifom ebhengeza oku. Qhagamshelana no: **Bridgette.Simon@mandela.ac.za**

Abo bakwaziyo ukusebenza okanye ukufunda besemakhaya, mabaqhubeke benze njalo.

Zithini iimpawu ze COVID-19?

- Umkhuhlane
- Ukukhohlela
- Umqala obuhlungu
- Ukuphefumla nzima
- Umzimba obuhlungu/ Ukungabinamandla
- Ukungavi incasa
- Ukungavi ivumba
- Ukuhambisa okanye isicaphucaphu

Ukuzithintela kubalulekile!

- **Hlamba izandla** rhoqo ngamanzi anesepha, imizuzwana engamashumi amabini
- **Ukumela qelele.** Makubekho umgama ongange mitha enesiqingatha, okanye iimitha ezimbini phakathi kwakho nabanye abantu.
- **Khohlela okanye uthimlele** ngaphakathi engqinibeni ungajongisi okanye ubekufuphi kwabanye abantu.
- **Sebenzisa isibulali ntsholongwane** (sibenotywala okumyinge we 60%) rhoqo-phambi, okanye xa uthe wandwendwela eliziko.
- **Impahla enxitywa ukuzikhusela nequka isifonyo.** Akuvumelekanga ukuba ungene kweliziko xa unganxibanga isifonyo, nekumele sigqume impumlo no mlomo. Nceda ugcine isifonyo sakho SICOCEKILE kwaye SOMILE. Unganxiba neyiphi intlobo yesifonyo selaphu evumelekileyo. Abasebenzi abasebenza ngabantu, bazakufumana imiyalelo ngentlobo zezinto ezikhusela ubuso ezifana ne faceshields, kwakunye nendidi zezifonyo kubaphathi bamacandelo abasebenza kuwo.
- **UKUHLOLA.** Kufuneka uhlolwe ukuba awubonisi mpawu zalentsholongwane phambi nasemva kokundwendwela eliziko, (ngokuhlola ubushushu nokuphendula imibuzo nefumaneka ku **webapps.mandela.ac.za/screening**
- **Hlala endlini** xa uziva ungaphilanga, okanye ukrokrela ukuba unempawu ze COVID-19.
- **Coca umxeba wakho** ngamalaphu okusula amanziswe ngotywala, okanye ilaphu lohlobo lwe microfibre nanjengoko intsholongwane zihlala eminxebeni.
- **Phepha** iindibano ezinabantu abaninzi
- Ukuba uneminyaka **engapha kwamashumi amathandathu ubudala** kwaye/**okanye unezigulo ezizezinye**, sukubuyela kweliziko ngaphandle kwemvume yomphathi wakho. *Akukho migaqo ngokomthetho uyalela abo baneminyaka engaphaya kwamashumi anesithandathu ukuba bangaphangeli, umqeshi kufuneka abeke imithetho ekhawulelana nabantu abaneminyaka engapha kwamashumi anesithandathu ukuqinisekisa ukuphepha kwabo xa bebuyela emsebenzini.

Ndingabuyela nini kweli ziko?

Le Yunivesithi inenkqubo yokubuyisela abasebenzi ngokwezigaba, neqale ngomhla wokuqala kuJune ka 2020, kwaye ingqamene nqo nezikhokelo zezempilo kunye nokhuseleko, kwakunye nesiqinisekiso sethu sokugqiba unyaka wezifundo zika 2020.

Abasebenzi kunye nabafundi bazakubuyela kweliziko xa bexelelwe ukuba benze njalo.

Xa sisonke kufuneka :

- **Masiphungule inani** labantu abakweliziko (ngoku tshintshana ukungena, ukutshintsha iyure zokusebenza, ukusebenza iishift kwakunye nokusebenzela ekhaya, ukufunda nokufundisa)
- Masithobele **imithetho ebekiweyo engqingqwa yezempilo nokhuseleko** ukuqinisekisa ukuba ukhuselekile
- Masiqinisekise ukuba **simela qelele** komnye umntu
- Masithintele umngcipheko wokunwenwa kwentsholongwane **ngokungadibani rhoqo** kwabantu



- Bonke abasebenzi kwakunye nabafundi bazakufumane **impahla/ izixhobo zokuzikhusela**, nezifanele oko bakwenzayo xa bekweliziko
- Bonke abo bandwendwela **eliziko bazakufafazwa ngesibulali ntsholongwane xa bengena kweliziko**
- Onke amandwendwe **azakuhlolwa ubushushu** phambi kokungena kumasango eliziko.

- **Inkqubo esebenzisa iminwe** yokungena kweliziko izakucinywa. Abafundi kuzakufuneka baphathe amakhadi aleyunivesithi nazakusetyenziswa ukungena kwindawo ezihlala abafundi.
- Bonke abasebenzi nabafundi bazakufumana impahla/ zizixhobo zokubakhusela eziquka **izifonyo ezimbini nesibulali ntsholongwane**. Xa ufuna inkcukhaca ezithe vetshe qhagamshelana **SHE@mandela.ac.za** or call **041 504 9361**
- **Akukhomntu uzakuhlolwa** enganxibanga impahla yokuzikhusela
- Bonke abasebenzi nabafundi kuzakufuneka baphathe amakhadi ezazisi zabo zaleYunivesithi. Ukuba ikhadi lakho lilahlekile, qinisekisa ukuba wenza iinzame zokuba ulifumane phambi kokubuyela kweliziko ngoku qhagamshelana no: **Theo.Zeelie@mandela.ac.za**
- Abasebenzi nabafundi bazakunikwa izifonyo nalapho bazakuthi batyikitye isiqinisekiso sokuba bazifumene impahla zokuzikhusela, kuluhlu lwempahla yokuzikhusela.
- Nceda **uyiphathe ngendlela impahla yokuzikhusela oyinikiweyo**.

Phambi kokubuyela kweliziko kufuneka ufake inkcukhaca zezempilo nokhuseleko kwiqonga le intanethi

Bukela ushicelelo lwe video ku Moodle okanye uqhagamshelane no Adriaan. Andrews@mandela.ac.za ukulungiselela indlela zokubukela olushicelelo kubuxhaka xhaka balemihla

Okumele ukwenze nokumele ungakwenzi

Musa **ukubuyela kweliziko ukuba:**

- Unempawu ze COVID-19. Hlala ekhaya uqhagamshelane nogqirha wakho ngomnxeba.
- Ukuba usemngciphekweni (uneminyaka engapha kwamashumi amathandathu ubudala kwaye/okanye wakhe wachaza ngesigulo, okanye kukho isigulo onaso) kwaye akunamvume yokwenza oko.
- Ukuba usuka kwenye ingingqi (iphondo,ingingqi,umasipala ombhaxa), hlala endlini iiveki ezimbini (uzivalele) ukuqinesekisa ukuba awunampawu zeCovid-19.
- Xa urhanela ukuba ubukhe wadibana nomntu okurhanelwa ukuba usulelekile, okanye umntu ophantsi kophando.
- Ukuba uyakwazi ukusebenzela ekhaya.
- Ukuba awuxelelwanga ukuba wenze oko ngumphathi wakho, njengo umsebenzi, okanye uxelelwe ngokusesikweni yiYunivesithi, okanye umhlohli xa ungumfundi.



***Unga*buyela kweliziko:**

- Xa uphilile, ungekho semngciphekweni yaye ungenayo iCOVID-19, unayo nemvume yokubuya.
- Ungumsebenzi obalulekileyo nonemvume yokwenza oko.
- Uyakwamkela ukuhlolwa ngokuya kwicandelo lokuhlola ngethuba ukweliziko.
- Uqinisekisa ukuba umela qelele. (umgama wemitha enesiqingatha phakathi kwakho nomnye umntu.)

Uhlala unxibe isifonyo

- Uqinisekisa ukuba ulandela imigaqo yokugcina izandla zicocekile,
- nazo zonke ezinye indlela zokuthintela.



Uqeqesho

Ukhuseleko kuqala! Ukuthintela ukunwenwa kwalentsholongwane, **siyalungiselela, sithintele, sikhusele.**

Bonke abasebenzi nabafundi kumele babenolwazi oluphangaleleyo ngendlela zokuthintela ukunwenwa kwalentsholongwane, ngokubhalisela uqeqesho olwenziwa kubuxhaka xhaka becomputer, okanye ngokubukela ushicelelo lwevideo, lokuzikhusela kwi COVID-19, phambi kokubuyela kweliziko.

Nceda ubukele ushicelelo ku **Moodle** okanye uqhagamshelane no Adriaan Andrews ku **adriaan.andrews@mandela.ac.za**

Ezinye iindlela zoqeqesho seleziqhutywa nabo basebenza ngabantu.

Impahla yokunxiba ekhuselekileyo (PPE)

Bonke abasebenzi kwakunye nabafundi bazakufumana impahla yokuzikhusela **equka izifonyo ezimbini kunye nesibulali zintsholongwane esiyi 150 ml.** Umphathi wecandelo osebenza kulo, okanye inkokheli yezifundo izakuqhagamshelana (inkcukhaca zingezantsi) kwisithuba seveki phambi kokuba ifuneke lempahla.

Akuvumelekanga ukuhlolwa okanye ukungena kweliziko unganxibanga izinto zokuzikhusela.

Xa ufuna inkcukhaca ezithevetshe qhagamshelana no: **SHE@mandela.ac.za** okanye utsalele umnxeba ku 041 504 9361

Ukucoca nokufaka isibulali ntsholongwane

Ukucocisisa nokufaka isibulali ntsholongwane kweliziko kubaluleke kakhulu, yaye yinxalenye yemigaqo yethu yezempilo nokhuseleko, nokuthobela imithetho emiselwe nguRhulumente.

Icandelo lokucoca linoxanduva lokucoca logama sibuyela kancinci, yaye kusekho abantu abambalwa kweliziko.

Iindawo zokuhlala, iindawo zokufundisa, iiofisi, iindawo zokutyela kunye nendawo zabucala zizakucocwa zifakwe isibulali ntsholongwane, phambi kokuba kuqale inkqubo yokubuyela emsebenzini.

Qhagamshelana no: Nikki.Brown@mandela.ac.za

Ukuphelisa/ukubulala intsholongwane

Sikulungiselele ukuqubisana nokucoca iindawo ekurhanelwa, okanye ekukho umntu ofunyaniswe enalentsholongwane kuzo ezikweliziko.

Imiqathango engqingqwa yokubulala okanye ukuphelisa lentsholongwane, neyokuvala kungangenwa izakulandelwa:

- Kwindawo ezingahlali bantu (iindawo zokutyela, indawo zokufundisa, iofisi, njalo-njalo.)
- Kwindawo zokuhlala.

Zonke izixhobo zokuzikhusela ezisetyenziswe ngethuba kubulawa intsholongwane zizakutshatyalaliswa ngendlela efanelekileyo.

Qhagamshelana no: Nikki.Brown@mandela.ac.za

Dlala indima yakho! Gcina igumbi okanye iofisi yakho icocekile usebenzise nesibulali ntsholongwane.

Ukusebenzela ekhaya

Ukusebenza ekhaya ngumsebenzi oqhele ukwenziwa e-ofisini, kodwa ngoku wenziwa ngaphandle kwase ofisini.

Injongo kukugcina abasebenzi nabafundi emakhaya ngezizathu ezivakalayo apho sikwazi khona, ngenjongo zokuqubisana nokunwenwa kweCovid-19.

Xa ufuna inkcukhaca ngezabasebenzi – ukusebenza ekhaya, ukuthatha ikhefu, ingqesho, ezempilo, nezinye izinto ezifana ne medical aid-qhagamshelana no hr@mandela.ac.za



UKUBUYELA EMSEBENZINI KUNYE NAKUMAGUMBI OKUFUNDELA*

Amanyathelo ekufuneka alandelwe

Umphathi okanye inkokheli yezifundo kufuneka iqhagamshelane nalamacandelo okanye nababafundi balendayo

(Ngeveki engaphambili)

A

1 UKUKHUSELEKA

Ukufumana izixhobo zokuzikhusela (PPE)- Imaski kunye nezibulali ntsholongwane

SHE@mandela.ac.za

2 UKUBEKA ISUKU LOKUHLOLWA

Isebe lezempilo (Occupational Health)

Kobus.Magielies@mandela.ac.za

Isebe lezempilo labafundi

Weidy.Padayachee@mandela.ac.za

3 UKUFUNDISWA NGE COVID-19 KUSETYENZISWA UBUXHAKAXHAKA BALEMIHLA (Virtual Training)

Adriaan.Andrews@mandela.ac.za

Tamzon.Pyne@mandela.ac.za

Okanye uyenze kwi Intanethi usebenzisa u Moodle

Bonke abasebenzi kunye nabafundi kufuneka banxibe izixhobo zokuzikhusela kwaye abekude umntu komnye (Social Distancing)

B INKQUBO YOKUHLOLWA

Kunye nesebe lezempilo kumacandelo ezempilo.

UKUBA UFUMANISEKE UNGENAYO ICOVID-19

Unako ukubuyela emsebenzini, kwigumbi lokufundela, elebhu, kwindawu zokuhlala kwaye wenze izifundo kwi intanethi usebenzisa imiqathango emitsha ebekiweyo siskolo.

*Buyela emsebenzini okanye kwigumbi lokufundela ukuba uphilile. Ukuba uziva ungaphilanga sukubuyela.

UKUBA UFUMANISEKE UNAYO ICOVID-19

Uyaphandwa (Person Under Investigation)

1 Ubekwa ecaleni komsebenzi okanye umfundi

- Umsebenzi/Umfundi unikwa imaski
- Abekwe egumbini elilodwa
- Isebe lezempilo labafundi lizakuqhagamshelana nabaphathi okanye inkokheli zezifundo ukukhangela abantu obukhe wasondela kubo kwaye kwaziswe iqela elisekiweyo.

2 Umphathi/Inkokheli Yezifundo

- Kufuneka baphinde babuyele kwisebe lezeMpilo xa begqibile ukuphanda

3 Uyavavanywa ulandela imigaqo yesebe lezeMpilo

4 Uhlala endlini iintsuku eziyi14 ulinde iziphumo

- Abasebenzi bangatsalela umnxeba ku 0800 205 233 ukufumana inxaso ngokwasemphemfulweni.
- Abafundi bangatsalela umnxeba Emthonjeni ukufumana inxaso ngokwasemphemfulweni counseling@mandela.ac.za

5 IZIPHUMO ZOVAVANYO

Ukuba awunayo: Ungabuyela emsebenzini okanye kwigumbi lokufundela

Ukuba unayo:

Ubekwa ecaleni wedwa, phantsi kwesihoyo sikaQirha okanye kwesebe lezeMpilo.

Kufuneka usiwe esibhedlele ukuba iimpawu ziyanyukela.

Abo bathe baphila babuyela emsebenzini emveni kwentsuku eziyi14.

Uhlolo no vavanyo

Kuthini ukuhlola?

Umkhuhlane zimpawu zeCovid-19

- Iqondo lobushushu elingu **38°C nangaphezulu zimpawu zomkhuhlane.**
- Impawu zibonakala kusuku lwesibini ukuya kwiintsuku ezilishumi elinesine xa usuleleke yilentsholongwane.
- Xa uzakungena kweliziko **kumele uhlolwe.**
- Uzakubuzwa imibuzo ukujonga ukuba impilo yakho ayikho semngciphekweni wokusuleleka.

Kwenzeka ntoni ukuba ndineqondo lobushushu eliphezulu?

Ukuba usemngciphekweni wokusuleleka, ungathunyelwa ukuba uyokwenza uvavanyo lwe Covid-19, uze uhlale bucala (uzivalele kude kubanye abantu) iintsuku ezilishumi elinesine ekhaya, (uzivalele ngokunokwakho) okanye kwiindawo zokuvalela ezibekiweyo.



Oku kunyanzelekile kwenzinwe, ukulwa nokunwenwa kwalentsholongwane kubanye abantu.

Iziphumo zakho zingangayibonisi lentsholongwane okanye ufunyaniswe unayo. Ukuba ufunyaniswe unayo, uzakuhlala uzivalele ufumane unyango. I-Yunivesithi izakuqalisa umsebenzi wokukhangela abo ubuthe wadibana nabo. Abo bebedibene nawe, nabo bazakuzivalela bucala.

Kwenzeka njani xa ndiziva ndingaphilanga okanye ndikrokrela ukuba bendidibene nalowo unalentsholongwane?



Hlala ekhaya okanye kwigumbi lakho wazise iYunivesithi kwakamsinya ukuba uneempawu zeCovid-19, okanye urhanela ukuba ubudibene nomntu onalentsholongwane.

Qhagamshelana: Abasebenzi: 041 504 3662/2045 – **Abafundi:** counselling@mandela.ac.za
Inombolo yomnxeba ye COVID-19 : 0800 029 99

Abafundi

Le Yunivesithi iyaqinisekisa ukuba izakusebenzisana nabafundi ukuba bagqibe unyaka wezifundo zika 2020.

Bonke abafundi bazakulungiselelwa kwezindlela zokufunda zidityanisiweyo ze- intanethi zokufunda nokufundisa (LT). Nezilungiselelwe abafundi abakwindlela yofukunda yokuqala ebizwa u Pathway1 nabafundela ekhaya, nabo basebenzisa indlela yokufunda yesibini ebizwa uPathway 2, ngokuthi bathunyelwe ipakethi ezinomsebenzi nezizakuthunyelwa ngo June. Xa abafundi bebuyele kweliziko lendlela edityanisiweyo yokufunda izakuqhuba ngoluhlobo:

- Uninzi lwezifundo luzakuqhuba kwi intanethi ngenkqubo I Moodle LMS, izifundo ezihlolwa kwi intanethi nezifundo eziqhuba



ngeenkqubo zoqhagamshelwano iZoom no MS Teams. Izifundo zabucala kwakunye nezifundo zamaqela abafundi (Si Sessions) zizakuqhutywa kwi intanethi.

- Amagumbi ane computer azakuvulelwa abafundi abangenazixhobo zokufunda. Ababafundi kuzakumele babhalisele ukusebenzisa lamagumbi babeke nethuba abazakuwasebenzisa ngawo.
- Uhlolo, uvavanyo kunye nemviwo zizakuqhutywa ngendlela engenamkhethe.
- Abafundi kufuneka bayekwizifundo ezidibanisa nabanye abantu xabeyokwenza umsebenzi kwii lab okanye estudiyo, izifundo zokuqeqesha (experiential learning), izifundo zokuqeqeshela umsebenzi (WIL) okanye iSBL, okanye xa beyokwenza izifundo zokuzikhumbuza, okanye izifundo zabucala zokunikeza ulwazi olunabileyo. Kwiindawo ekungenelwa kuzo ezizifundo zizakuqinisekiswa ukuba abantu bathobela imigaqo ebekiweyo yokumela qelele neyo coceko lwezempilo.
- Nanjengoko imviwo zesigabasesibini sezifundo zizakubanjwa ekupheleni kuka January, kwenziwe amalungiselelo ethuba lezifundo zokuzikhumbuza phakathi kwinyanga ka January, ukanti kuzakunikwa abafundi nethuba lokuzilungiselela kwi lab nangomsebenzi wase studiyo.

Abafundi abanemibuzo ngezifundo, bangaqhagamshelana nabahlohli.



Ngubani ekufuneka abuye?

Kwisigaba sesithathu sokumiswa ngxii kweentshukumo kuvumeleke ukuba kubuye i33% yabafundi kweliziko.

Ukanti kuzakubekwa phambili abafundi abangenandlela yokufunda emakhaya ngenxa yezizathu ezahlukileyo.

Oku kuzakwenziwa ngokwemiqathango ebekwe nguMphathiswa ngokwe Gazette yaseburhulumenteni (Gov Not. 652 published in GG43414).

- Abafundi abenza unyaka wokugqibela, ingakumbi abo badinga izixhobo zokusebenza ezikweliziko, I lab kunye ne studiyo.
- Abafundi abazizithwalandwe , nabadinga ukusebenzisa ilab/ okanye izixhobo zobuchwepheshe
- Abafundi abadinga ukwenza uqeqesho ngokwezonyango njengenxalenye yezifundo zabo.
- Abafundi abanezidingo ezizodwa, njengabo baphila nokukhubazeka.

Indawo zokuhlala

Kuzakuthatyathwa amanyathelo aliqela okuqinisekisa ukuba kuyathintelwa ukunwenwa kwalentsholongwane kwindawo zokuhlala. Oku kuquka:

- Akungavumeli amandwendwe kwindawo zohlala.
- Ukungavumeli ukuhlalisana nangaluphi na uhlobo.
- Intsebeziswano xa kucocwa okanye kupheliswa intsholongwane kwindawo zokuhlala uwonke-wonke, nokuzigcina zisemgangathweni.
- Iindibano zolonwabo notywala azivumelekanga. Ukanti kuzakubekwa ixesha lokuba umntu abesegumbini phakathi kwentsimbi yeshumi(22:00) ebusuku nentsimbi yesihlanu (5:00) ekuseni, ukuphungula inani labantu abahamba-hamba kweliziko.

Ukanti ukufumana inkcukhaca ezithevetshe ngemiqathango ekumele ithotyelwe xa uhlala kwindawo zokuhlala zabafundi, funda incwadana ngoku ku **www.mandela.ac.za/coronavirus**

Kuzakukhutshwa incwadi enemiqathango ebizwa, My Mandela Handbook, nenemigaqo nenkqubo ekumele zilandelwe kweliziko , iindlela ezintsha zokuhlala kwindawo ezihlala abafundi, nazo zizakubhalwa kulencwadi izakuphuma kungekudala.



Ezempilo

Eli lixesha elinzima kuthi sonke.

Ungaziva uwedwa, usoyika, ungenabani okanye uphethwe lixhala.

IYunivesithi ineendlela eziliqela **zokunikeza inkxaso** kubasebenzi nakubafundi. Nceda uchaze xa udinga uncedo.

- Abasebenzi bangatsalela umnxeba kwinkqubo yezempilo efumaneka 24/7 i Mandela University Wellbeing Programme ku 0800 205 333.
- Abafundi bangaqhagamshelana nenkqubo ebizwa Emthonjeni Student Wellness ku **counselling@mandela.ac.za** (Kwiziko elise Bhayi) okanye ku 044 8015062 (Kwi Ziko elise George)
- Qhagamshelana nomhlohli wakho wabucala, umkhokeli wakho weqela labafundi (SI leader), Umcebisi wakho ngezifundo, okanye umqeqeshi wakho wezifundo (students success coach)
- Abafundi abaphila nokukhubazeka bangaqhagamshelana nekqubo ye: Universal Accessibility and Disability Services
- Ndwendwela nge intanethi ku **www.mandela.ac.za/learningpathways** ufumane izixhobo ezahlukileyo ezinokunceda, nemibuzo okanye iimpendulo ezingakunceda (FAQs).

Xa une Medical Aid :

Xa ufuna uncedo ngeMedical Aid sebenzisa ezidilesi ze email zingezantsi uqinisekise ukuba zibhalwe kakuhle:

- medicalaid@mandela.ac.za
- Gilmar Walsh: Gilmar.Walsh@mandela.ac.za

Alexander Forbes Health Consultants:
Nicolette Du Toit: DuToitNi@aforbes.co.za

Xa unemibuzo okanye ufuna ukuqondisisa?

Inkqubo yezempilo yabafundi:
Weidy.Padayachee@mandela.ac.za
Nokulunga.Ngwekazi@mandela.ac.za

Inkqubo yezempilo yabasebenzi:
Valencia.Benjamin@mandela.ac.za
Kobus.Magielies@mandela.ac.za
Fiona.Magnus@mandela.ac.za
Zilla.Shaw@mandela.ac.za

Abafundi:
Bernard.Sebake@mandela.ac.za

Ezokhuseleko, Impilo, Nokusingqongileyo(SHE):
SHE@mandela.ac.za

Izakhiwo:
Melvin.Syce@mandela.ac.za

Inkqubo yezokhuseleko:
Simphiwe.Nkosa@mandela.ac.za

Ukucoca:
Nikki.Brown@mandela.ac.za

Ezothutho:
Luthando.Rafani@mandela.ac.za

Kwiziko Lase George:
Kaluke.Mawila@mandela.ac.za

Kwindawo Zokuhlala:
Robin.Minne@mandela.ac.za

Unxibelelwano:
Debbie.Derry@mandela.ac.za

Ukuchaza ngentsholongwane, limpawu, kunye nayiphi imibuzo:
Inombolo yeziko likazwelonke elijongene nezifo ezosulelayo (NICD) 080 002 9999

Ezempilo zabasebenzi
041 504 3662/2045

Ezempilo zabafundi:
counselling@mandela.ac.za

Iqela Elijongene ne COVID-19

Iqela elityunjelwe ukujongana ne ntsholongwane ye Corona (CTT)

Abo batyunjelwe ukujongana nayo yonke intshukumo engqamene ne Covid-19, nokuthintela ukunwenwa kwalentsholongwane kule Yunivesithi. Eliqela lukhokelwa ngu Sekela Ngqonyela uLebogang Hashatse, nosebenza phantsi kweliso lekomiti yezempilo, ikomitana ye MANCO, nekhokelwa ngu Njingalwazi uLungile Pepeta.

Abakhokela Lomsebenzi

Ukhuseleko, Ezempilo nokusingqongileyo (SHE)
SHE@mandela.ac.za

Ezempilo:
Lungile.Pepeta@mandela.ac.za

Ezabasebenzi:
Ntoza.Bam@mandela.ac.za

Ukufunda Nokufundisa:
Cheryl.Foxcroft@mandela.ac.za

Ezabafundi:
Luthando.Jack@mandela.ac.za

Izakhiwo Namaziko:
Melvin.Syce@mandela.ac.za

Inkqubo Zenkxaso:
Sam.Bosire@mandela.ac.za

Inkqubo Zobuxhaka Xhaka Nobuchwepheshe:
Mkhosi.Mahlathini@mandela.ac.za
Dierdre.Els@mandela.ac.za

Unxibelelwano ne Ntengiso:
Chantal.Janneker@mandela.ac.za

Inombolo Ezibalulekileyo

Ukuchaza ngentsholongwane,
Iimpawu, kunye nayiphi imibuzo:
Inombolo yeziko likazwelonke elijongene nezifo ezosulelayo (NICD)
080 002 9999

Iinkqubo zezempilo zabasebenzi:
041 504 3662/2045

Ojongene Nokuthotyelwa Kwemiqathango

Valencia Benjamin – Impilo Yabasebenzi
Valencia.Benjamin@mandela.ac.za
041 504 1028/3662/2045

Ukhuseleko, Impilo, Nokusingqongileyo
SHE@mandela.ac.za
041 504 9361

Icandelo loqhagamshelwano:
Deon.Barnardo@mandela.ac.za
041 5041111

Inkonzo Ezingxamisekileyo:
041 5042009

mandela.ac.za